



It starts with a story...

## A life lesson through reading

As adults we know that being able to share is an important life skill, and part of this is learning to take turns with others. When you regularly spend time reading with your children, not only do you develop them as readers, but you also have an excellent opportunity to show them how to learn this valuable life lesson. Here are some ways in which you can share and take turns as you read together.

- ♥ Take turns choosing books. Sometimes invite your children to choose the storybooks you'll read together. Other times, choose a storybook that you'd like to read to them. You can also take turns between reading your children's favourite stories and sharing a book that none of you has read before.
- ♥ Take turns telling each other stories. Share "old" stories that you remember hearing before, or new ones that you have made up yourselves!
- ♥ As you read books together, take turns "reading" the words. Sometimes invite children who can already read, to read the words of one of the characters in the story. Encourage children to join in when you read repeated phrases or sentences in a story. For example, in the story, *The three little pigs*, the wolf repeatedly says, "I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down."
- ♥ Help children think about the stories you read by asking questions like, "What do you think of ...?", "Why do you think they said/did that?" and "What would you have said/done if that was you?" Remember to also allow your children to ask their own questions about the stories.
- ♥ Taking turns is not only for older children. Get babies or toddlers involved in helping you read the story by asking them to turn the pages for you!
- ♥ Take turns at your reading club. You can choose the book to read aloud to the children and then allow time for the children to choose books they want to look at and read on their own or in pairs.

Taking turns helps to create a partnership with children around books. It means that you can share the power to make decisions about what you will read and how to spend your reading times. And so, exploring books becomes something you really do together!



## Isifundo sobomi bomntu bonke ngokufunda

Njengabantu abadala siyazi ukuba ukwazi ukwabelana sisakhono esibalulekileyo sobomi, kwaye inxalenye yoku kukufunda ukunikana amathuba nabanye. Xa uthe gqolo uzinika ixesha lokufunda nabantwana, akubaphuhlisi njengabafundi nje kuphela, koko ukwanethuba elihle kakhulu lokubabonisa indlela yokufunda esi sifundo sobomi sixabiseke kangakanana. Nazi ezinye zeendlela eninokwabelana ngazo neninokunikana amathuba ngazo lo gama nifunda kunye.

- ♥ Nikanani amathuba xa nikhetha iincwadi. Ngamanye amaxesha mema abantwana bakho ukuba bakhetha iincwadi zamabali eniza kuzifunda kunye. Ngamanye amaxesha, khetha incwadi yamabali ongathanda ukubafundela yona. Kananjalo ningabolekisa ngokukhetha phakathi kokufunda ibali elithandwa kakhulu ngabantwana bakho kunye nokwabelana ngencwadi eningazange nayifunda ngaphambili.
- ♥ Bolekisanani ngokubaliselana amabali. Yabelanani ngamabali "amadala" eniwakhumbulayo nenanikhe naweva ngaphambili, okanye amatsha eniziqambele wona!
- ♥ Lo gama nifunda iincwadi kunye, bolekanani xa "nifunda" amagama. Ngamanye amaxesha cela abantwana abasele bekwazi ukufunda ukuba bafunde amazwi abamnye babalinganiswa abasebalini. Khuthaza abantwana ukuba bazibandakanye xa ufunda amabinzana okanye izivakalisi eziphindaphindiweyo ebalini. Umzekelo,

kwibali elishloko sithi, *lihagwana ezintathu ezincinane*, ingcuka yayiphindaphinda isithi, "Ndiza kuyivuthela, ndiyivuthele, ndiyivuthele indlu yakho ide idilike."

♥ Nceda abantwana bacinge ngamabali owafundileyo ngokubuza imibuzo efana nale, "Nicinga ntoni nge ...?", "Ucinga ukuba kutheni bethetha ngolo hlobo/ besenza loo nto?" kunye nalo uthi, "Ubuza kuthini wena ukuba ibinguwe/ Ubuza kwenza ntoni wena ukuba ibinguwe lowo?" Khumbula kananjalo ukubavumela abantwana ukuba babuze eyabo imibuzo malunga namabali.

- ♥ Ukubolekisa asiyonto yabantwana abadala nje kuphela. Bandakanya iintsana okanye nabantwana abasabhadazayo ukuba bakuncede xa ufunda ibali ngokukutyhilela amaphepha!
- ♥ Bolekisanani kwiklabhu yenu yokufunda. Ungayikhethe incwadi oza kuyifundela abantwana ngokuvakalayo, uze unike abantwana ithuba lokukhethe iincwadi abafuna ukuzibuka baze bazifundele okanye bazifunde ngababini.

Ukubolekisa kudala intsebenziswano nabantwana ngokuphathelele ezincwadini.

Kuthetha ukuba ungabelana ngamandla okuthatha izigqibo malunga nokuba niza kufunda ntoni kwaye niza kulisebenzisa njani ixesha lenu lokufunda. Ngako oko ke, ukuphicotha iincwadi kuba yinto eniyenza ninonke!



Drive your imagination

Read to me. Book by book.  
Ndifundele. Incwadi nencwadi.







# Get story active!

After you and your children have read *Refilwe*, discuss some of these questions.

- ♥ Refilwe's father stole morogo for his wife from the witch.
  - ♣ Why do you think he did this?
  - ♣ Do you think this was the right thing to do? Why or why not?
  - ♣ Was there another way in which he could have got the morogo for his wife?
- ♥ Was it fair for the witch to take Refilwe from her parents when she was born? Why or why not?
- ♥ Does the witch have any good qualities? What do you think they are?

### Other things to try

- ♥ Act out the story together. Make the chant, "Refilwe, Refilwe, let down your locks, so I can climb the scraggy rocks" into a song or rap.
- ♥ Imagine that you are a news reporter for a local TV station. You have heard that Refilwe has been taken away from her parents by a witch. Interview the witch and Refilwe's parents to get the full story on how and why this happened.

★ "If you don't like someone's story, write your own."  
**Chinua Achebe, world-famous, award-winning Nigerian author** ★

# Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba nifunde ibali elisihloko sithi, *URefilwe*, xoxani ngeminye yale mibuzo ilandelayo.

- ♥ Utata kaRefilwe wabela umfazi wakhe imifino yegqwirhakazi.
  - ♣ Ucinga ukuba kwakutheni ukuze enze oku?
  - ♣ Ucinga ukuba loo nto yayiyinto elungileyo? Kutheni ucinga ukuba yayiyinto elungileyo okanye kutheni ucinga ukuba yayiyinto engalunganga?
  - ♣ Ingaba yayikhona enye indlela awayenokumfunela ngayo imifino umfazi wakhe?
- ♥ Ingaba kwakulungile ukuba igqwirhakazi limthathe uRefilwe kubazali bakhe ukuzalwa kwakhe? Kutheni ucinga ukuba kwakulungile okanye kutheni ucinga ukuba kwakungalunganga?
- ♥ Ingaba igqwirhakazi linazo iimpawu zokulunga? Ucinga ukuba zeziphi ezo mpawu?

### Ezinye izinto onokuzizama

- ♥ Dlalani umdlalo weqonga osekelwe ebalini. Yenzani le ngonyana ithi, "Refilwe, Refilwe, khulula iinwele zakho, ukuze ndigwencele kula matye arhabaxa" ibe nokukulwa ngohlobo lwe-rap.
- ♥ Yiba nomfanekiso-ntelekelelo wokuba uyintatheli yesikhululo sikamabonwakude sasekuhlaleni. Uvile ukuba uRefilwe uthathwe ligqwirhakazi kubazali bakhe. Bamba udlwanondlebe kunye negqwirhakazi kwakunye nabazali bakaRefilwe ukuze ufumanise ibali elipheleleyo lokuba yintoni na kanye eyenzekileyo, indlela eyenzeke ngayo kwaye isenzeka kuba kutheni na.

★ "Ukuba akulithandi ibali lomnye umntu, zibhalele elakho."  
**nguChinua Achebe, umbhali odume kwihlabathi lonke nophumelele imbasa waseNigeria** ★



### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 8 of this supplement. Keep the pages together.
2. Fold them in half along the black dotted line.
3. Fold them in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-8 kolu hlelo. Gcina amaphepha edibene.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathini.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## In your next Nal'ibali supplement:

- How to get your children writing
- Story Stars: An illustrator talks about books and pictures
- A cut-out-and-keep book, *It wasn't me!*
- Collect the Nal'ibali characters: Josh
- A new Story Corner story, *The guinea fowl that laid golden eggs*

Looking for activities for your children? Visit the "Resource" section at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) for printables such as bookmarks, cards and postcards.



Find us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
 Sifumane ku-Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

## Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ungabenza njani abantwana bakho ukuba babhale
- limbalasane zamabali: Umzobi uncokola ngeencwadi nemifanekiso
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine esihloko sithi, *Ibingendim!*
- Qokelela abalinganiswa beNal'ibali: uJosh Iballi elitsha leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *Impangele eyayizalela amaqanda egolide*

Ingaba ukhangelela abantwana bakho imisetyenzana? Ndwendwela icandelo elithi, "Resources" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ufumane okuprintwayo okufana nezalathisi ezibonisa ukuba uphele phi na ukufunda, amakhadi kunye neeposikhadi.





Fold

12

One day, Prince Tumi, heir to the mountain kingdom of Lesotho, was out riding his horse. He heard the sound of a beautiful voice coming from the top of the mountain. For many days he came to hear the melodious singing, but could not find where the voice was coming from.

One day, he heard a rough voice close to him yelling, "Refilwe, Refilwe, let down your locks, so I can climb the scraggy rocks." Prince Tumi watched as some braided locks tumbled down the side of the mountain and an old witch climbed up. He could hardly wait for the witch to leave. Then, imitating her voice, he yelled out, "Refilwe, Refilwe, let down your locks, so I can climb the scraggy rocks."

Ngenye imini, iNkosana uTumi, eyayiyindlalifa kubukumkani baseLesotho yayizizijikelezela ikhwele lhashe layo. Yeva ilizwi elimnandi liphuma enkechoyini yentaba. Intsuku ezininzi yayifika ize kumamela umculo omandi kodwa ingade ifumanise ukuba lo mculo uvela phi na.

Ngenye imini, yeva ilizwi elirhabaxa kufutshane nayo likwaza lisithi, "Refilwe, Refilwe, thoba imwele zakho, ukuze ndikwazi ukugwencele eliweni elimatye arhabaxa."

Inkosana uTumi yabukela xa ibona imwele ezolukliweyo zisehla ukuya emazantsi entaba laze igqwirhakazi elidala lagwencele ngazo ukwenyuka intaba. Kwinkosana yayingathi alisahambi eli gqwirhakazi. Lakuba limkile, yalinganisa ilizwi lalo isithi, "Refilwe, Refilwe, thoba imwele zakho, ukuze ndikwazi ukugwencele eliweni elimatye arhabaxa."




**We publish what we like**

This is an adapted version of *Refilwe*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in English, isiZulu, isiXhosa and Afrikaans. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *URefilwe*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nangeAfrikaans. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).


© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)



# Refilwe URefilwe

Zukiswa Wanner  
Tamsin Hinrichsen


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)







Every day she brought food and shouted, "Refilwe, Refilwe, let down your locks, so I can climb the scraggy rocks." Then Refilwe would let down her braided dreadlocks and the witch would climb up with her basket of food.

Apart from the witch's visits, Refilwe only had a few storybooks to keep her company. So she spent her time reading and singing.


Yonke imihla lalimphathela ukutya lize likhazaze lithi, "Refilwe, Refilwe, thoba inwele zakho, ukuze ndikwazi ukugwengela eliveni elinamatye arhabaxa." Esakuliva uRefilwe ebethoba inwele zakhe ezohlkwiweyo lize igqwirhakazi ligwengcele nebhaskithi yalo yokutya.

Ngaphandle kokutyelwa igqwirhakazi kuphela, uRefilwe wayengeenwadana ezimbali zamabali awayechitha isithinkuthezi ngazo. Ngoko ke, wayesebenzisa ixesha lakhe ekufundeni nasekuculeni.



Once, in the mountain kingdom of Lesotho, a husband and wife longed for a child. They visited sangomas, brewed beer for the ancestors, and finally, the wife was expecting a baby.

**K**udala-dala, kwiintaba zaseLesotho, indoda ethile nomfazi wayo babefuna umntwana ixesha elide. Baya kwizangoma, basilela nezinyanya iindywala, ze ngeligeni, unkosikazi wakhulelwa.



Refilwe, thinking the old woman had forgotten something, let down her locks and Prince Tumi climbed up. *Who!* Imagine her surprise when she saw a man entering the cave.

"Who are you?" she asked in a frightened voice.

"Don't be afraid," Tumi answered. "I just wanted to see the girl who sings so beautifully."

Refilwe was as lovely as her voice, and Prince Tumi fell deeply in love with her. The prince visited Refilwe every day after the witch had gone. Soon Tumi told Refilwe he wanted to marry her and for a while they were both very happy.


URrefilwe, ecinga ukuba kukho elikuhlbelelo ixhegokazi, wathoba inwele zakhe yaze iNkosana uTumi yagwengela kuzo yenyuka. *Who!* Khawufane ucinge indlela awothuka ngayo asakubona indoda engena emqolombeni.

"Ungubani?" wabuza ngezwi eloyikayo.

"Musa ukoyika," uphendule watsho uTumi. "Bendituma nje ukubona le ntombazana icula kamnandi kangaka."

URrefilwe wayethandeka ngenelizwi lakhe, yaze iNkosana uTumi yamthanda kakuhlu ngoko nangoko. Inkosana yayimtyelela yonke imihla uRefilwe emva kokuba igqwirhakazi limkile. Kungekudala, uTumi waxelela uRefilwe ukuba utuma ukumtshata, baze ixeshana nje elingephi, bonwaba kakuhlu bobabini.





When they arrived, the king and queen were happy to see their son and meet the young woman who would be his wife.

They threw a big wedding party and invited Refilwe's parents, who were overjoyed to see their daughter again. Princess Refilwe and her Prince Tumi knew on that day that they were blessed and would live happily ever after.

Xa befika, ukumkani nokumkanikazi bavuyiswa kakhulu kukubona unyana wabo nokuhlangana nentombazana esakhulayo eza kuba ngumfazi wonyana wabo.

Benza itheko elikhulukazi lomtshato baze bamema abazali bakaRefilwe nabavuyiswa kakhulu kukubona intombi yabo kwakhona. Inkosazana uRefilwe kunye nenkosana yakhe uTumi babesazi ukusukela ngale mini ukuba basikelelekile kwaye baza kuhlala bonwabile ngazo zonke iintsuku zokuphila kwabo.



A famous and powerful witch lived next door to the couple. She grew pumpkins throughout the year that produced healthy morogo. When the wife saw the delicious green leaves, she longed to eat the witch's morogo and wanted nothing else. She started getting thin and her skin became ashen.

Her husband noticed and worriedly asked, "My wife, what is wrong?"

She gazed longingly at the morogo and said, "Oh, I think if I do not have some of those delicious green leaves next door, I will die."



Igqwirhakazi elaziwayo nelalinamandla lalihlala kufutshane nesi sibini sitshatileyo. Unyaka wonke lalilima amathanga ayevelisa imithwane namagqabi amnandi nasempilweni okwenza imifino. Yathi le nkosikazi yakubona la magqabi amnandi naluhlaza, yanqwenela ukutya imifino kwaye ayafuna tu ukutya eyenye into. Ngoko ke waqalisa ukubhitya saze isikhumba sakhe samthwebeshu ngathi luthuthu.

Umyeni wakhe wakuqaphela oku waze, ekhathazekile wabuza, "Mfazi wam, kukho into embi?"

Umfazi wajonga ixesha elide, erhalela imifino waze wathi, "Kowu, ndicinga ukuba andithanga ndafumana athile kula magqabi aluhlaza amnandi kammelwane, ndiza kufa."



UReflive wayenesikhumba esihandekayo esintsundu-bukofu kunye namehlo angukunva ngathi ngamandongomane kunye ngenwele igqwirhakazi elathi laqalisa ukuziphatha ukuze zibe zininwele ezicocekileyo nezolukikweyo.

Uthe uReflive akuba neminyaka elishumi elinambini, igqwirhakazi lagqiba ekubeni kungabikho namnye umntu ombonayo uReflive. Ngoko ke, layithatha intombazana layithla emqolombeni ophenzulu entabeni ukuze ihlale apho.



Reflive had lovely coffee-coloured skin and almond-shaped eyes and hair that the witch immediately started twisting into neat dreadlocks.

When Reflive was twelve, the witch decided that she did not want anyone to see Reflive. So she took the girl to live in a cave high up on a nearby mountain.



But one day Reflive complained to the witch, "Every time you come to visit, my head aches."

"The witch was hurt, "Hhayi, are you saying that you do not like talking to me? Heh?"

Reflive shook her head, "No. It's just that you are so much heavier than Prince Tumi. When he gets up here, he massages my head with herbs so I feel better."

The husband loved his wife and did not want her to die. When the witch had gone to the river to fetch some water, he went into her garden, and quickly picked some morogo. He gave the green leaves to his wife and she was happy.

But the next day the wife sighed again, "Oh, how I wish I could have some more of those delicious green leaves."

So the husband waited for the witch to go to the river. But this time he was too slow. The witch came back and caught him red-handed.

Umyeni wakhe wayemthanda kakhulu umfazi wakhe ukuba angamyeka ukuba ade afe phambi kwakhe. Lathi xa igqwirhakazi liye emlanjeni, le ndoda yaya kwisitya salo yaze, ngokukhawuleza, yakha amagqabi okwenza imifino.

Unikezele ngamagqabi aluhlaza enkosikazini yakhe, yaze ke yonwaba kakhulu.

Kodwa kusuku olulandelayo, inkosikazi yenza isingqala kwakhona isithi, "Kowu, uhlobo endingwenela ngalo ukuba ndingafumana amagqatyana amnandi, aluhlaza kwakhona."

Umyeni wakhe walinda ukuba igqwirhakazi liye emlanjeni. Kodwa ngeli tyeli, wacothozisa kakhulu ukuwakha. Igqwirhakazi labuya laza lamfumana esaxakeke apho esityeni.





URefilwe unikine intlolo, "Hayi. Kukuba nje umzima kakhulu kunenkosana uTumi. Yona ithi xa ifika apha, indiphulile intlolo ngamachiza athile ukuze ndizive ndingcono."

Kodwa ngenye imini, uRefilwe wakhazaza kwigqwirhakazi, "Ngalo lonke ixesha undityelela, intlolo yam ibabuhlungu." Igqwirha lakhathazeka koku, "Hayi bo, uzama ukundixelela ukuba awukuthandi ukuthetha nam? Hi?"

The witch was very angry. Not only had Refilwe brought someone into the cave, but she had also called the witch fat! She grabbed Refilwe's locks and cut them off. She sent Refilwe far away to the desert of the Northern Cape. Then she sat in the cave and waited.



Kwinyanga ezimbilwa ezilandelayo, intombazana encinane enle yazalwa kodwa besoyika ukuba kungekudala, igqwirhakazi liza kufika lize kumthatha umtwana. Njengoko lalishilo, lafika igqwirhakazi kuloo mzi wabo laze laluthatha usana olo. Laluthiya igama elingurefilwe.

Some months later, a beautiful young daughter was born and they feared the moment the witch would come to take her away. True to her word, the witch arrived at their door and took the baby. She named her Refilwe.

The prince fell down the mountain, scratching his eyes on a sharp rock. Blind and distraught, Tumi called his horse. He had to find Refilwe.

For many months he travelled in search of her. At last, when the heat of the desert was unbearable and he thought he might never find her, he heard a beautiful voice singing.

"Refilwe, Refilwe!" shouted the excited prince.

Refilwe stopped singing. Her prince! Tumi climbed down from his horse. When Refilwe saw that he was blind, her joy turned to sadness. As they hugged one another, Refilwe's tears fell on Tumi's eyes and suddenly he could see again.

The next day, they made their way to the mountain kingdom of Lesotho.

Inkosana yawela apho emazantsi entaba, aze amehlo ayo agqajuzwa ngamatye atsolo alapho entabeni. Engaboni enjalo futhi ebhidekile, ekhathazekile, uTumi ubize ihashe lakhe. Kwakufuneka emfumene uRefilwe.

Zaqengqeleka iinyanga inkosana izula ikhangela uRefilwe. Ngelingeni, xa kanye ubushushu basentlango babunganyamezeleki futhi icinga ukuba ayisoze imfumane kwakhona uRefilwe, yeva ilizwi elimnandi licula.

"Refilwe, Refilwe!" yakhwaza inkosana yonwabile.

URefilwe wayeka ukucula. Inkosana yakhe! UTumi wehla ehashini. URefilwe wathi asakumbona ukuba utyhaphakile uTumi, ulonwabo lwakhe lwaguquka lwalusizi. Bathe xa besangana, iinyembezi zikaRefilwe zawela emehlweni kaTumi waze, ngephanyazo, wabona kwakhona.

Kusuku olulandelayo, babuyela emva kubukumkani baseLesotho.







“Sela ndini! Uyibela ntoni imifino yami!” latsho igqwirhakazi ngomsindokazi omkhulu.

Umyeni ngokoyika okukhulu, walicenga, “Ndicela undixolele. Umfazi wam ukhulelwe futhi akakwazi ukutya nantoni na enye. Konke akumqwenelayo yimifino ayibona esityeni sakhona. Ndicela uxolo ngokwene. Ndiya kwenza nantoni na oyifunayo, waphendula watsho.

Ngoku ke igqwirhakazi lancoma laze laphakamisa isandla salo, lihsha, “Ungayikha kangangoko imifino esityeni sam, kuba asituni ukuba umfazi wakho afe.” Laze lanqumama, longeza lisithi, “Kodwa xa sele ezelewe umntwana wakho, uza kuba ngwam.”

Umyeni wawumelana nokubangwa komntwana ligqwirhakazi kuba esoyika into elimokuyenza xa athe akavuma.




“You thief! How dare you steal my morogo!” the witch said angrily.

The frightened husband pleaded, “Forgive me. My wife is with child and cannot eat anything. All she wishes for is the morogo she sees in your garden. Please, I am very sorry. I will do whatever you want to make it up to you,” he answered.

Now the witch smiled and waved her hand, “Don’t worry. You can take all the morogo you want from my garden as we do not want your wife to die.” Then she paused and added, “But when your child is born, she belongs to me.”

The husband agreed to the witch’s demand, for he was afraid of what she would do if he did not.



When Tumi arrived, he called, “Refliwe, Refliwe, let down your locks, so I can climb the scraggy rocks.” The witch let down the locks she had cut from Refliwe’s head and Tumi, without suspecting a thing, climbed up.

“Ha! So it is you who has been visiting my Refliwe?” shouted the witch when Tumi reached the top. “Well, I have sent her far away to the desert. And you will never see her again because now you shall die!” And with that, she pushed him from the cave.

Ukufika kwakhe uTumi, wakhwaza wathi, “Refliwe, Refliwe, thoba inwele zakho, ukuze ndikwazi ukugwencela eliweni elinamatye arhabaxa.” Igqwirhakazi lithobe inwele elizichebe kwintloko kaRefliwe waze uTumi wagwencela ukwenyuka, engacingelanga nto.

“Ha! Nguwe kanti lo utyela rhogo uRefliwe wam?” Ikhwaze latsho igqwirhakazi asakufikelela phezu uTumi. “Hayi ke, ndimthumele kude kakhulu entlango. Awusokuze uphinde umbone kwakhona kuba ngoku wena uza kufa!” Litsho limtyhlizela ezantsi ukusuka apho phezu emqolombeni.